Isalathiso: 20200525-6240
Inombolo yefayili: 12/2/10/3
Imibuzo: LR Abrahams

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lweZiko: 0004/2020

Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: Ukuhlolelwa i-*COVID-19 kooTitshala naBafundi yonke imihla*.

**Isihloko: Ukuhlolelwa i-*COVID-19* kooTitshala naBafundi yonke imihla**

1. Imiqathango emalunga ne-*COVID-19* ifuna ukuba ootitshala nabafundi bahlolelwe iimpawu zosuleleko zentsholongwane i-*Coronavirus*, yonke imihla bakuba befikile esikolweni.

2. Ukulungiselela ukubanako ukubalandelela ngokuyimpumelelo abantu abanokuba bosulelekile, kuya kufuneka kufakwe idatha kwiziko ledatha elinguvimba (*central database*), yaye ngenxa yoko, iSebe iWCED likhethe ukusebenzisa isixhobo esifanayo (*common tool*) ukufaka idatha yabo bonke ootitshala nabafundi.

3. Idatha yokuhlolwa kootitshala iya kufakwa yonke imihla kusetyenziswa i-aplikheyishini eyi-*mobile application* ngokuthi kusetyenziswe le linki ilandelayo: https://qgzqy.glideapp.io/

4. Isikhokelo esiyividiyo siqulethwe kule *application* yaye siya kumnceda umsebenzisi.

5. Ukufakwa kwedatha yokuhlolwa kwabafundi kuya kwenziwa kusetyenziswa le linki ilandelayo: https://wcedemis.westerncape.gov.za/wced/lnrcovid.html

6. Ifankshini eyi-*learner function* isebenza ngendlela efanayo naleyo yefankshini yokungabikho kwabafundi (*learner absenteeism function*) ngoko ke baya kuba nolwazi ngayo ootitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

7. Ifankshini iya kulinkwa naleyo yokungabikho kwabafundi yaye ke ngoko iya kwenza nomsebenzi wokuyifezekisa le fankshini.

8. Isikhokelo sendlela yokuyisebenzisa le fankshini siqhotyoshelwe apha. ( Makufundwe isiHlomelo A)

9. Kucelwa uqaphele ukuba kunyanzelekile ukuba bonke ootitshala nabafundi bahlolwe yonke imihla nokuba ifakwe idatha ngokunjalo kusetyenziswa ezi zixhobo.

10. Oku kusebenza kuzo **ZONKE** izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, nakumaziko eMfundo noPhuhliso lwaBasaqalayo (*Early Childhood Development centres*).

11. Sinqwenela ukubulela onke amaziko ngenkxaso yawo nangokuyiqonda kwawo le meko ngeli thuba.

12. Yonke imibuzo emalunga noku kungentla inokubhekiswa kuMphathi weSekethe ochaphazelekayo kwisekethe nganye okanye kwiNtloko yoLawulo noKuphathwa kwamaZiko kwisithili ngasinye.

13. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-HA LEWIS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE: WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWEZIKO**
**UMHLA:** 2020-05-25